# Utyelelo kwamalume

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Jonga lo mfanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni?
2. Aba bantwana babonakala bonwabile kuwe xa ubajongile?


EXTRACT PAGES

Kweli khaya siyahamba.
Sisatyelela kwamalume.
Sihamba ngemoto kamama.

Babeyokutyelela bani?


EXTRACT PAGES

Sikhwele sibane kulemoto.
Ngumama, Zimmy, Zola noJulia.
Siya kwifama ekude kamalume.

Dwelisa amagama abantu ababesemotweni.



EXTRACT PAGES

Ilanga ngalemini lalizolile litshisa kakhulu.
"Mama jonga naziya iintyatyambo," watsho uZimmy.
"Zintle kakhulu ziyazikhulela ecaleni kwendlela," waphendula watsho umama.

Ungathi imozulu yayinjani ngale mini?



EXTRACT PAGES

Basamisile ecaleni kwendlela kuba kukude apho baya khona.
Batya nesidlo sasemini.
UJulia upha iintaka iinkokho zesonka.

Ngokubona kwakho ucinga ukuba uJulia kufanele ukupha iintaka isonka?



EXTRACT PAGES

Pipii!pipii! yakhala imoto kamama.
Batsiba uMalume noMalumekazi ukuphuma phandle.
Sabulisana sisangana kumnandi.



Xela indlela oziva ngayo xa ubona umntu owamgqibela kudala.



EXTRACT PAGES

UJulia utekesika inja kamalume.
"Yintoni leya Julia?" Wabuza uZola.
UZola wayebona iintyatyambo ezikhomba ngomnwe.

Zintoni ezi uZola wayezikhomba, engazazi?



EXTRACT PAGES

"Nazo iintyatyambo," batsho bebaleka uJulia noZola ukuya kuzo. Yakhonkotha nayo inja, "hawu! hawu!" Ivuya ibaleka ukuya kuzo.

Yayiyintoni unobangela wokuba inja ikhonkothe?


EXTRACT PAGES

"Kuhle apha masithathe ifoto zethu sonke."
Bazithatha iifoto besebenzisa iselula.
Bonke babonwabile behleka kumnandi.

Wena ukhe uzithathe iifoto ngeselula?



EXTRACT PAGES

"Nantsi inyosi," watsho uJulia.
"Yenzani kwezintyatyambo?" wabuza uZola.
"Ifunxa incindi yazo izokwenza ubusi," waphendula uJulia.

Iinyosi zifunxa incindi yeentyatyambo ze zenze nobusi.
Uyavumelana noko okanye hayi?



"Lumkelani inyosi. Iluma kabuhlungu, "watsho umama kaZola.
"Bumnandi ubusi bazo ngenxa yencindi eziyimfimfithayo."
Inyosi ixakekile imfimfitha incindi.

EXTRACT PAGES

Chonga igama eliphindaphindiweyo kweli phepha?


EXTRACT PAGES

UZimmy uyincumele kuba uyabuthanda ubusi.
Luphelile usuku kuyagodukwa.

Xela ukuba yintoni eyayisenza uZimmy ancume?


EXTRACT PAGES

UZola noJulia badiniwe balele esitulweni. Uhambo lwabo lwalumnandi belandelwa nayinyosi.



Ucinga ukuba bekunokwenzeka ntoni ukuba le nyosi ingabhabhela kubo?